URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

ICandelo loCwangciso loLawulo noKuphathwa kwaMaziko

Isalathiso: 20180620-3560
12/3/3/24
Imibuzo: KwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko

**INgcaciso eMfutshane yeCandelo loCwangciso loLawulo noKuphathwa kwamaZiko: 0004/2018**

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kwiiNtloko zoQuqzelelo lweKharityhulam neNgcebiso, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kuBafundi nooTitshala, kuBaphathi beeSekethe, kuBaququzeleli bezithili bamaBhunga aMele aBafundi nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente.

**Isihloko: INkomfa yeeNqununu ezingamaBhinqa yango-2018**

1. Kule minyaka mithathu igqithileyo, iSebe leMfundo leNtshona Koloni (i*WCED*) liyiqhube ngempumelelo inkomfa yeenqununu ezingamabhinqa njengenxalenye yokubhiyozela inyanga yamanina yalo iSebe kwanokuqaphela indima edlalwe ngamanina aqeshwe e*WCED*.

2. Ngaphezulu, eli nyathelo liqaqambisa inkqubela eyenziweyo kubulungisa kwezengqesho (*employment equity*) kwizikhundla eziphezulu kwinqanaba lezikolo nelee-ofisi lenkqubo yezemfundo, nelikwagxininisa ekuqalisweni kwekhosi yaManina eyi-*Women in and into Leadership and Management* (*WILM*) efundiswa qho ngonyaka e*Cape Teaching and Leadership Institute* (*CTLI*).

3. INtloko yeSebe (i*HoD*) yavuma ukuba le nkomfa yaqho ngonyaka mayiqinisekise ukuba i*WCED* inika amathuba angawo awongezelelweyo ophuhliso, amaqonga onxibelelwano oluntu (*social interface*) nenkxaso ekwenzeni umsebenzi ngobuchule kumanina akwizithuba zobunkokeli kwinqanaba lesikolo.

4. Iqonga lezokunikana inkxaso yiforam yabantu abanika uncedo ngokweemvakalelo nangokusebenzisekayo loogxa babo abangamalungu wamaqonga onxibelelwano aludingayo uncedo nenkxaso elolo hlobo. Iqonga lonxibelelwano lokunikana inkxaso linika ukhuseleko kumalungu alo. Eyona nto kujoliswe kuyo liqonga lonxibelelwano kukunciphisa nkqu nokuphelisa ukukhethelwa bucala ngokwezomsebenzi kootitshala abangamabhinqa kumsebenzi wobunkokeli ezikolweni.

5. Iinkomfa zango-2015 ukuya ku-2017 zesi siganeko, ngokubambisana no-*Old Mutual*, zafumaneka njengezaba yeyona mpumelelo enkulu kakhulu. Ezi nkomfa zazihlanganiswe nemisebenzi yempilo qete exhaswa ngemali ngu-*Old Mutual.* Akuyi kubakho mahluko nakulo unyaka.

Lower Parliament Street, Cape Town, 8001
Tel: +27 21 467 2611 Fax: +086 547 8758
Safe Schools: 0800 45 46 47
Private Bag X9114, Cape Town, 8000
Employment and salary enquiries: 0861 92 33 22
www.westerncape.gov.za

6. Le nkomfa iya kuqhubeka ngeeseshoni zabathathi-nxaxheba bebonke neseshoni yamaqela awahlukeneyo (*plenary and breakaway sessions*) ukukhuthaza iincoko ezingomsebenzi wokufundisa nangemiba yezemfundo.

7. Iinkcukacha zenkomfa zezi zilandelayo:
**Umhla:** **18 Agasti 2018**
**Indawo:** ***Old Mutual Building, Jan Smuts Drive, Pinelands***
**Ixesha:** **08:00–15:30**

8. Amalungiselelo okuqhubeka kwenkomfa

8.1 Iinqununu ezinqwenela ukubakho kule nkomfa mazizalise **iSahluko A** sefom eqhotyoshelweyo zize ziyithumele ngefeksi ku**Nks Avril Malgas** kwa-**086 729 5347**, **phambi okanye ungadlulanga owe-08 Agasti 2018**. Ezi nkcukacha zifunwa kwangaphambili kakhulu ukwenzela ukuba kuqinisekwe yaye kube nokusingathwa amalungiselelo okuqhubeka kwesi siganeko.

8.2 Apho kunokwenzeka, kucelwa iinqununu zezikolo zikhwelisane xa zisiya kule nkomfa. Iinqununu ziya kubuyekezwa ngeendleko zeehambo zazo apho umgama ohanjiweyo ugqithileyo ku-120 km uhambo lokuya kuphela. Ukwenzela ukufaka ibango leendleko zeehambo, makungeniswe ezi fom "*Subsistence and Transport*" *and Z43 forms* ziqhotyoshelweyo kwigosa elenza lo msebenzi/kumagosa awenza lo msebenzi kwindawo enenkomfa. Akasayi kuqwalaselwa amabango afunyenwe engazaliswanga ngokupheleleyo okanye angachanekanga.

8.3 Apho ihambo yenqununu ixhaswa ngemali sisikolo, ibango malenziwe egameni lesikolo, into ethetha ukuba imali ebangwayo iya kuhlawulwa kwi-akhawunti yesikolo.

8.4 Kuya kunikwa indawo yokulala kuphela ezo nqununu zihambe umgama ogqithileyo ku-200 km kuhambo lokuya kuphela. Iinqununu ezifuna indawo yokulala mazizalise **iSahluko B** sefom eqhotyoshelweyo. Le ngcaciso icelwa kwangaphambili ukwenzela ukuqinisekisa ukuba enziwe kwangexesha amalungiselelo afanelekileyo okufumana indawo yokulala. Ezi **zicelo zendawo yokulala mazifunyanwe phambi okanye ungadlulanga owe-08 Agasti 2018 yaye mazithunyelwe ngefeksi kuNks Avril Malgas** kwa-**086 729 5347**. Kuya kuthunyelwa i-imeyili eqinisekisa ngendawo yokulala kummeli ngamnye osicelo sakhe sendawo yokulala sivunyiweyo.

8.5 Apho inqununu ingumntu oyindoda, igama lesekela elingobhinqileyo mayibe lilo emalibhaliselwe ukuya kule nkomfa. Kwizikolo ezincinane, osesikhundleni kwindawo yesibini, ukuba ungobhinqileyo, uya kuvunyelwa athathe inxaxheba.

8.6 Ukufumana naziphi ezinye iinkcukacha, ungaqhagamshelana no **Nks Avril Malgas** kwifoni **021 467 2611.**

9. Kucelwa iinqununu ziqinisekise ukuba okukule ngcaciso imfutshane kwaziswa bonke abasebenzi namaqela achaphazelekayo esikolweni ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-HA LEWIS
**IBAMBELA LENTLOKO YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2018-07-06

**Annexure A**

# Reply slip

## Female Principal Conference 2018

**VENUE: Old Mutual Building, Jan Smuts Drive, Pinelands**
**Saturday, 18 August 2018, 08:00–15:00**

1. Will you be able to attend the Female Principal Support Network 2018? **Yes** ☐ **No** ☐
2. Full names and surname: ....................................................................................................
3. Position: ....................................................................................................................
4. Name of school: ..............................................................................................................
5. Name of district: .............................................................................................................
6. Telephone number: ............................................................................................................
7. Email address:................................................................................................................
8. Please specify dietary requirements, if any: ..................................................................
9. Do you have special needs/disability? If yes, please specify: ..........................................

   ...........................................................................................................................
10. In case of disability, do you require assistance? If yes, please specify: ............................

   ...........................................................................................................................

Please return the RSVP form **on or before 08 August 2018** by fax to 086 729 5347 or by email to avril.malgas@westerncape.gov.za.

**Annexure B**

# Reply slip for accommodation

## Female Principal Conference 2018

**VENUE: Old Mutual Building, Jan Smuts Drive, Pinelands**
**Saturday, 18 August 2018, 08:00–15:00**

1. Will you be able to attend the Female Principals Conference 2018? **Yes ☐ No ☐**

2. Full names and surname of principal: ..................................................................

3. Full names and surname of chairperson of governing body: .....................................

4. Full names and surname of treasurer: ..................................................................

5. Name of the school: ...............................................................................................

6. Name of district: ....................................................................................................

7. Telephone number: .................................................................................................

8. Email address: .......................................................................................................

9. Please specify dietary requirements, if any: ........................................................

10. Do you have special needs/disability? Please specify: ............................................

11. In case of disability, do you require assistance? ...................................................

Please return the RSVP form **on or before 08 August 2018 by** fax to **086 729 5347** or by email to avril.malgas@westerncape.gov.za.